Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

# IBANGA 11

# NOVEMBA 2022

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2 (EXEMPLAR)

**AMANQAKU:** **80**

**IXESHA:** **iiyure 2½**

Olu viwo lunamaphepha angama-20.

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda imiyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

   ICANDELO A: iSihobe (30)

   ICANDELO B: iNoveli (25)

   ICANDELO C: iDrama (25)

4. Phendula imibuzo emiHLANU iyonke, Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, omNYE kwiCANDELO B, nomNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE

   IMIBONGO EFUNDISIWEYO EKLASINI – Phendula imibuzo emiBINI

   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: Umbuzo ONYANZELEKILEYO

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA

   Phendula umbuzo omNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/UNCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA).

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli/uncwadi lwemveli nakwidrama oyifundisiweyo.
   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO omNYE kunye NOMFUTSHANE ube Mnye.

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

   - Imibuzo esisincoko yeSihobe kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama ali-140–190.
   - Imibuzo esisincoko yeNoveli/Uncwadi Lwemveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama 290–340.
   - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

7. Landela imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kweCANDELO ngaliNYE ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela indlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ITHEYIBHILE YESIQULATHO

### ICANDELO A: ISIHOBE

**Imibongo efundisiweyo**: **Phendula NAYIPHI na imibuzo emiBINI.**

| INANI LOMBUZO | | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|---|
| 1. | Intyatyambo | Umbuzo osisincoko soncwadi | 10 | 6 |
| | | | | |
| 2. | Iselula | Umbuzo omfutshane | 10 | 7 |
| | | | | |
| 3. | Ugodukile uNjingalwazi uZithobile Sunshine Qangule | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| | | | | |
| 4. | Umona | Umbuzo omfutshane | 10 | 9 |
| | **KUNYE** | | | |
| | **Umbongo ongafundiswanga. Kunyanzelekile ukuba uwuphendule.** | | | |
| 5. | Umnyhadala wama-2010 | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |

**QAPHELA:** Phendula umbuzo omNYE OSISINCOKO nombuzo omNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

### ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

**Phendula umbuzo omNYE**

| INANI LOMBUZO | | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|---|
| 6. | Ngenxa yesithembiso | Umbuzo osisincoko Soncwadi | 25 | 11 |
| | | | | |
| 7. | Ngenxa yesithembiso | Umbuzo omfutshane | 25 | 11 |
| | | | | |
| 8. | Umthombo wobom | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 14 |
| | | | | |
| 9. | Umthombo wobom | Umbuzo omfutshane | 25 | 14 |

## ICANDELO C: IDRAMA

**Phendula umbuzo omNYE.**

| INANI LOMBUZO | | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|---|
| 10. | Nathi singabantu | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 17 |
| | **OKANYE** | | | |
| 11. | Nathi singabantu | Umbuzo omfutshane | 25 | 17 |

**QAPHELA:** **KUMACANDELO B no C,** qiniseka ukuba uphendule umbuzo **OSISINCOKO OMNYE** nombuzo **omNYE OMFUTSHANE**. Nceda ungaphenduli imibuzo emiBINI ezizincoko okanye imibuzo emiBINI emifutshane.

**ULUHLU LOKUKHANGELA (ITSHEKHLISTI)**

Kunyanzelekile ukuba ujongisise olu luhlu lulandelayo ukuze uqiniseke ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

| ICANDELO | | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | TIKISHA NGASEZANTSI |
|---|---|---|---|---|
| A | Isihobe (ISihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| | Isihobe (ISihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| B | Inoveli Noncwadi Lwemveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE omfutshane) | 6–9 | 1 | |
| C | Idrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE omfutshane) | 10–11 | 1 | |

## ICANDELO A: ISIHOBE

## ISINGQI SENKULUNGWANE – P.M. QANGULE – M.G. MDLIVA

### IMIYALELO

- Kweli CANDELO kubuzwe imibongo emiNE efundisiweyo nombongo omNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphendule nayiphi na imibuzo emiBINI ebuzwe kwimibongo OKANYE kwizibongo ezifundisiweyo; kunye nombuzo omNYE kumbongo ongafundiswanga OKANYE isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongombongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qiniseka ukuba uphendule imibuzo emiTHATHU kweli candelo.

Ubude bempendulo yombuzo osisincoko buphakathi kwe-140–190 amagama.

### IMIBONGO EFUNDISIWEYO

Phendula NAYIPHI NA imibuzo emiBINI.

### UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula umbuzo osekwe kuwo.

Tyhila iingxaki ehlangabezana nazo intombazana ngokwemiqolo esibhozo yokuqala kunye nesisombululo sezo ngxaki esiqulethwe yimiqolo 9–14. **[10]**

**INTYATYAMBO M.G. MDLIVA**

Izimisile phakathi kweengxondorha,
Itsitsitheka kunzim' ubomi.
Inxanel' ufazana kwanombethe wobomi,
Ishixiza phakathi kwezo ngxondorha.
Iimbodlela zizondelel' ukuyikhweba,
Iziyobisi ziyatshila njengepikoko.
Kunqaba ootata kuxhaphak' iipikoko,
Kufuduk' ubuntu izirhofu ziyakhweba.
Njengelang' ithemba lithe thaa,
Lizifumbeth' izikhokelo zobomi.
Liyikhwebela kwingqungquthela yobomi,
Ibonwabel' obo buvunduvundu bomhlaba.
Ikhuliswa zezo zinongo zomhlaba,
Lithemba lay' oko kufudumala komhlaba.

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**ISELULA – M.G. MDLIVA**

Yinjuz' ediz' amahlebo,
Ngumthunywa owel' iilwandle nemilambo.
Ongalaliy' okhuthalel' ukuthunywa,
Umacofacofw' atyekez' imiyalezo.

Ziyagigithek'izihlobo kub' ungenelele,
Zinkcenkceza ngezidlel' iinyembez' uthumekile.
Elowo nalowo ukuthembile,
Ukhuthalel' **ukuntyiloza** kwakho **njengeentaka**.
Uzisondezile waziqukanis' izihlobo,
Asondelelen' amakholw' ayathandazisana.
Ukhuthuk' umqolo kukubelek'okuhle nokubi,
Ukwalixilongo labo banamaqhinga.
Sinyamezele nomachul' ungadinwa,
Sibonelele ndlezan' ungatyhafi.
Huntshu! Mthunywa **wokuhle nokubi,**
Sinyamezele jelo leendaba nemiyalezo.

2.1 Linika ntsingiselo ni ngeselula igama "Yinjuze" ngokomqolo woku-1? (2)

2.2 Caphula iziqwengana kwisitanza sesi-2 ezinika ingcinga yokuba iselula ihambisa iindaba (a) ezimnandi (b) nezimbi. (2)

2.3 Xela umfanekiso ngqondweni odalwa sisigama esingqindilili kumqolo wesi-8. (1)

2.4 Khankanya zibeMBINI iindidi zabantu ezisondelelana ngenxa yeselula ngokwemiqolo 9–10. (2)

2.5 Ngqina ukuba imbongi iyayicenga iselula kwimiqolo 13–16. (1)

2.6 Nika umyalezo walo mbongo ngeselula. (2)
**[10]**

## UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**UGODUKILE UNJINGALWAZI ZITHOBILE SUNSHINE QANGULE**
(B.A(Rhodes) UED;B.E.d; M.A(S.A) Ph.D(Cape Town) **P.M. QANGULE**

Wa-a-a-a! Nokholeji!
Sisingqala sani na esi kwiziko lemfundo?
Wena Tyhume zezani na ezi ngxangxasi?
Wena mlamb' iQonce yeyani na le mijelo?
Imijelo eshiya zikhedamil' iingcinga,
Tyhini! Nank, uSomgxad' entywil' enkungwini.
Gqumashe yeyani na le nkungu kule nkumba?
Ingqukruleka nje imiNgcangathelo.
..................................................................
**Lagragrama lagqekreza gqekre** izulu.
Lasiphul' umth' omkhulu yangqwath' esantshulayo,
Mthi mni na lo uthe qungqululu kweli gade?
Tyhini! Luntu nguxholovane wengqanga yolwimi,
Ulwimi lwabavelayo nabatshonayo.
Kuhamb' isizinzo sokuzinzisa uzinzo,
Kusithel' ingqonyela yesiXhosa ncakasana.
Kusithel' ucwamb' olungqondo-ngqondo,
Kuchwechw' intshuntshe, igqudu nezagweba.
Kusutyw' amaza okuqhuqh' inkwethw'engqondweni,
Kusutyw' uvimba nomongo wesiXhosa kwaXhosa.
Ezulwini bazuzile ngocwambu lolwimi lwesiXhosa,
Zole azol' amazulu, sithe lasithel' ilanga.

3.1 Linika ntsingiselo ni ngesikhalo esasikwaNokholeji igama "Sisingqala" elikumqolo wesi-2 wesicatshulwa salo mbongo? (2)

3.2 Caphula kwimiqolo 10–13 iziqwengana eziBINI ezinika ingcinga yokuba obongwayo ngumntu wexabiso. (2)

3.3 Xela umfanekiso ngqondweni odalwa sisigama esingqindilili kumqolo we-9. (1)

3.4 Khankanya abe maBINI amagama eencwadi eyazibhalayo le njingalwazi ngokwemiqolo 17–18. (2)

3.5 Ngqina ngokwemiqolo 19–21 ukuba kube yilahleko ukufa kobongwayo. (1)

3.6 Nika umyalezo walo mbongo ngoQangule. (2)
**[10]**

## UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**UMONA M.G. MDLIVA.**

Yingcing' engondlekanga,
Yingcing' enqinileyo.
Yingcing' enyolukileyo,
Yingcing' engundileyo.
Umtshabalalis' ongenanceba,
Umxabanisi onoburhalarhume.

**Yingcangula yesiland'** ebangulayo,
Ebangul' inyaniso neengcambu zayo.
Yinyok' enyolukileyo,
Lon' ilovane ukungabi namqolo.
Lizemb' elizamla kuthi waca waca,
Nguchil' inyaniso omumath' ingqumbo.

Osisizalo somon' akonwabanga,
Oyinqaba yomon' uyaqaqanjelwa.
Zonk' izinto uzithandela yena,
Ulingondo legogoty' eligqolileyo.
Umbimbilizi ongahlafuniyo,
Usisu sibanzi **okwefatyi.**

4.1 Kunika ntsingiselo ni ngomona ukuthi 'Yingcing'engondlekanga' kumqolo woku-1 wesi sicatshulwa sombongo? (2)

4.2 Caphula amagama amaBINI kwisitanza soku-1 anika ingcinga yokuba umona awakhi. (2)

4.3 Xela umfanekiso ngqondweni odalwa sisigama esingqindilili kumqolo wesi-7. (1)

4.4 Khankanya zibeMBINI izinto ewufanisa nazo imbongi umona kwimiqolo 9–11. (2)

4.5 Ngqina ukuba imbongi iyamtyhafisa umntu ukuba abenomona ngokwesitanza 3. (1)

4.6 Nika umyalezo walo mbongo ngomona. (2)

**[10]**

## UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: KUNYANZELEKILE UWUPHENDULE

## UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo.

**UMNYHADALA WAMA-2010 BEWUZANA M.P.**

<u>Ladu-u-u-u-ma!</u>
Laduma ilizwe lase-Afrika ezizweni;
Kungenxa yakho kaloku Mzantsi Afrika.
Kuvakele mawethu ukukhala kwe- Afrika,
Ingqukruleka izi**mbo**kra ibho**mbo**zela izi**mbo**la**mbo**la,
Isithi “Nisidela ngantoni na zizwe zomhlaba?
Ngubani na obethe asinakuwusingatha umnyhadala?”
Umdlalo kaloku yinto yethu kwakudala;
Siyaziwa ziintshatsheli zembali ebholeni;
Ndithetha ngamaqela azenzele udumo emhlabeni;
Kaloku ngonyaka we-1996 sibe ziintshatsheli ze-Afrika
Sisohlula iTunisia ngama 2-0 kumdlalo wamanqam;
Kwangaloo nyaka savana amandla neBrazil kwacaca
Nalapho ke laduma igama lethu.

Makhwenkwe akuthi qinani,
Ziyabotshwa nokuba zibhityile,
Kuf’ ayayo kaloku makwedini,
Ijoni lifela emfazweni,
Kambe le mfazwe isekhaya,
Kaloku *neqaqa liyagquma kowal’ umngxuma*
Aninakuyeka njee zimke iinkomo zoobawo.

5.1 Sisetyenziswa xa kutheni isandi esikrwelelwe umgca ngaphantsi? (1)

5.2 Xela umnyhadala ethetha ngawo imbongi kulo mbongo. (2)

5.3 Xela uhlobo lophindaphindo olukwizandi eziphawulwe ngqindilili kumqolo wesi-5. (1)

5.4 Linika ntsingiselo ni iqhalo elibhalwe bukekela kwisitanza sesi-2? (2)

5.5 Chaza umahluko kwisakhiwo sangaphandle sesitanza soku-1 nesesi-2. (2)

5.6 Ivakalelwa njani imbongi kulo mbongo xa uwonke? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli noNcwadi Lwemveli.
- Khetha umbuzo kwiNoveli/kuncwadi lwemveli olufundisiweyo.
- Kwincwadi ngaNYE kwicandelo B kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI nombuzo OMFUTSHANE,ukususela kumbuzo wesi-6 ukuya kumbuzo we-9.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA**: Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI (kwinoveli/ kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwidrama). Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli/Ncwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwidrama).

### INOVELI

Phendula UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE).

### UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### NGENXA YESITHEMBISO: Mcebisi Nkohla

“Thuma mna bawo ... andilingene loo mabanjwa.” Ngqina ubunyani bala mazwi kaDJ ngamatiletile akhe okuwazisa phambi komthetho amabanjwa aqhawule entolongweni kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-290–340. **[25]**

**OKANYE**

## UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## NGENXA YESITHEMBISO: Mcebisi Nkohla

Funda ezi zicatshulwa zenoveli zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

Emva kosuku nje endulukile uDada ndavuka ngenja ixukuxa ndisiya endlwini yakhe. Ndandisele ndiyilungiselele imeko yokuvula ngesitshixo esisodwa njengamcuphi. Ndandingenaluvalo lungakanani lwabamelwane njengoko ndandidla ngokumbuthela uDada. Ukanti wayendixabise kakhulu kangangokuba wayekhe andithume kwelo gunjana lakhe aliqeshileyo. Kwelinye icala ndandiqinisekile ukuba inkosikazi yakhe ayinakuba ikho njengoko ndafumanisa ukuba iphangela kwesinye isibhedlele eRhawutini njengomongikazi.
Le ndlu wayeyiqeshile yayinamagumbi amathathu, ikhitshi, leendwendwe nelokulala. Dyulukudu ndagibiseleka okomthakathi kodwa ndingenzi ngamava.
Ndalutshixa ucango ukuze ondilandelayo ankqonkqoze. Ndazikhanyisa ngaphandle kokuthandabuza izibane zendlu leyo. Ndanxiba ngokungxama iiglavu. Ndacondoba ndiwaphalisa amehlo ekhitshini. Ndavula iinkonkxa ezineziciko, ndavunguzelisa imigubo, ndakhangela esitovini, kwizikhenkcezi nangaphantsi komandlalo womgangatho. Hayi ndatsho phantsi. Ukhenketho lwam ngoku lwaba kwigumbi lokundwendwela. Kwikona yalo engqamene nodwadwalala lwefestile kumi ikhabhathi eyenziwe ngomthi omhle kunene omnyama yaze yahonjiswa ngobugcisa obungummangaliso. Kwelinye icala kudweliswe inqwaba yeencwadi ezifundwayo zemithetho yobupolisa, iinoveli, izichazi-magama, iimagazini, iibhayibhile njalo njalo. Apha ndazipha umsebenzi wokutwabulula ndiphicothe incwadi nganye ukusukela kwiphepha lokuqala ukuya kwelokugqibela.
Ngelingeni phakathi komnye umqulu kwakukho isiqwengana sephepha ekwakubhalwe uluhlu lweenombolo zefowuni endaqaphela ukuba uninzi lwazo zezaseRhawutini ngokujonga ikhowudi. Umnqa waba ngowokuba kwakungekho nalinye igama ecaleni kwenombolo ezimbini.

7.1 Nika zibeziBINI izicelo uDJ azenze malunga noDada kubaphathi bakhe. (2)

7.2 Chaza ngeengongoma eziMBINI inxaxheba kaDada kwiqela lemigulukudu eliphandwayo. (2)

7.3 Ngqina ngeempawu eziMBINI ukuba ibali lale noveli libali lophando. (2)

7.4 Chaza isiphelo sikaDada kule noveli. (2)

7.5 Xela zibeMBINI iindawo eliqhubeke kuzo ibali lale noveli ngaphandle kwentolongo yaseMthatha. (2)

7.6 Cebisa zibeMBINI iindlela ezinokuphelisa umkhuba osesipoliseni wokongeza umvuzo ngokwaphula umthetho. (2)

## ISICATSHULWA B

‘Sele ebanjiwe umhleli omkhulu,’ watsho. Le ngxelo yayidiza imihlali.
‘Akabulawanga kodwa?” ndangxama ngombuzo intaka sele ifuna ukuvuka ime ngenyawo **ngenxa yeziganeko zangaphambili.**
Wathi, “cebetshu abulawe.”
“Awu bafondini!” ndatsho ndikhafula umoya wenkxalabo owawusele undiminxa ukuphefumla.
Ngokwengcaciso kaKapteni babekhuphe malunga neshumi elinesihlanu lamatyendyana amapolisa. La makhwenkwe omthetho afike azibhuda izingqi ngokurhangqa isakhiwo sentatheli aze akhwaza afuna uTshezi azinikele. Intoni ke? Alibiza lasabela igeza. Layikhohlelisa futhi i-AK 47 yakhafula eso sichotho sasichitha utshaba. Kwaba ngathi ngoku amapolisa athi, ‘maxhalanga sidleni’ yaba bubugqudugqudu, ubuqhoqhoqho, oburhwaqelisa isixeko ngeso sidube-dube. Kwangoko zivakele zikhuphisana ngesankxwe, zezikhalo, ezikrasayo zihlaba umkhosi iinqwelo zezigulana, zamagosa alwa umlilo, zamagosa endlela nezamapolisa zingayekanga. Inxenye yendlu yesi sakhiwo yayisele ikhafula awesihogo amadangatye ekwakubonakala ukuba afuna undikho. Ezoo ngqimba zingqindilli zamafu omsi omnyama zawugubungela loo mzi zirhaxa, zitsarha konke okushukumayo nokuzibhaqe sekuyabula ungaboni emva naphambili. Lo mbhodamo noqulukubhode uchaphazele kanobomi abasebenzi ababengxwelerheke ngephanyazo ngumlilo abanye ziimbumbululu, ziingceba zeeglasi njalo njalo.
Abawileyo benyathelwa ngokungenalusini kunzima ukubahlangula kuloo mtyibilizi wamachibi amahlwili ngamahlwili abalekisa umzimba. Afunze njalo amapolisa sele eqaphele ukuba abanye oogxa babo abathathu sebedubuleke babulawa.
“Uphi ngoku uTshezi? Lowo?

7.7 Xela zibeziBINI iziganeko zangaphambili abhekisa kuzo uDumile ngokwebinzana elibhalwe ngqindilili. (2)

7.8 Chaza isizathu sokuba uDumile akuxhalabele ukufa kukaTshezi kule ndyikityha yokufa ikwisicatshulwa. (2)

7.9 Ngengongoma eziMBINI ezikwisicatshulwa chonga ubungqina bokuba eli bali liqhubeka kumaxesha okhanyo. (2)

7.10 Chaza umahluko kuthando abamthanda ngalo uDJ, uSasa noNomvuyo kule noveli. (2)

7.11 Nika zibeMBINI iintlobo zolwaphulomthetho oluqhubeke kule noveli. (2)

7.12 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukuba ngumthetho owoyise ulwaphulomthetho kule noveli. (3)

**[25]**

**UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

**UMTHOMBO WOBOM-NONDUMISO MDEKAZI,TOMMY KABANYANE**

Tyhila iimpawu ezifana nezahluka ngazo iinkosi ezimbini, ekwintsomi ethi, 'Igqabi lenkosi' kunye nekwisibongo esithi, 'A-a! Dalibhunga!'

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama290–340. **[25]**

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**UMTHOMBO WOBOM-NONDUMISO MDEKAZI,TOMMY KABANYANE**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi lwemveli zingezantsi, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A: INTSOMI**

**UDYAKALASHE NENGONYAMA**

Kwahlala, kwahlala kwangantsomi!
"Kwakukho uDyakalashe nengonyama. Ngenye imini **ingonyama yaxelela uDyakalashe ukuba ifuna umntu wokugcina abantwana bayo.** UDyakalashe wathi angavuya ukuba unokunikwa yena lo msebenzi. *Yavuya kakhulu ingonyama ukuyiva loo nto yaza ke yamqesha uDyakalashe*. Le ngonyama yayinabantwana abahlanu. Okunene waqalisa uDyakalashe ngosuku olulandelayo. Ngokwezigqibo umsebenzi kaDyakalashe yayiza kuba kukuhlala nabantwana abajonge bangaphumi phandle bodwa, abatyise ngexesha lokutya, abalalise ngamaxesha afanelekileyo, kuze ke kuthi xa ingonyama ibuya ekuzingeleni ngorhatya abazise ibabone, athathe nokutya kwangengomso eze nako."
Uqhube kakuhle kakhulu uDyakalashe emsebenzini wakhe. Qho xa ifika ingonyama ngorhatya ubeyiququzelela ngobubelekazi obukhulu. Ingonyama ibithi yakuba iphumle umzuzwana, yabuza-buza nangabantwana, ithi kuDyakalashe makeze nabo ibabone. UDyaki wayekwenza oku ngothakazelelo olukhulu, kodwa isimanga yayikukuba aba bantwana wayesiza nabo nganye nganye. Ubezisa lo athi akugqitywa ukubonwa aye kumbeka, eze nolandelayo, de babonwe bonke. Nengonyama ayizange ibe namgqalisela wanto ngale ndawo kuba ke eneneni yayibuya idinwe kakhulu kukuzingela nokusukela la maxhoba yayimana isiza nawo, kwaye ke le nto yayiyeyona yayinika ithuba elaneleyo lokuzanelisa kumntwana ngamnye.
Kwathi kanti ngokwenza ngolu hlobo uDyakalashe uyayazi into ayenzayo. Kwathi kanti ekuthatheni kwakhe lo msebenzi wayeneenjongo ezimbi zokunqwenela ithuba lokutya ezo ntsizana zingabantwana bengonyama. Ithe ke yakuqheleka le nto yokungeniswa kwabantwana nganye nganye, waqala uDyakalashe <u>ukungena kubo.</u> Wabulala wamnye ngemini yokuqala wamtya wamtshayela kwathi tu, akwabonakala nobungqinana bokuba bekukhe kwenzeka into embi kangaka.

9.1 Khankanya zibeziBINI izivumelwano zokusebenza azithathe nengonyama uDyaki kumsebenzi wokugcina abantwana ngokwale ntsomi. (2)

9.2 Chaza zibeziBINI izenzo zikaDyaki ezichithe imvisiswano phakathi kwakhe nengonyama kule ntsomi. (2)

9.3 Ngqina ngeempawu eziMBINI ukuba le ntsomi ikudidi lweentsomi ezingokophulwa komyalelo. (2)

9.4 Chaza isiphelo sikaDyakalashe kule ntsomi. (2)

9.5 Khankanya indawo eqhubeka kuyo le ntsomi. (1)

9.6 Bhala iingcebiso zibeMBINI onokuzinika abantu ngobuhlobo obungebubo uthathela kule ntsomi. (2)

9.7 Tolika ibinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi ngokomxholo wale ntsomi. (2)

9.8 Ucinga ukuba iintsomi zisenendawo kwintlalo kaNtu kule mihla? Xhasa impendulo yakho. (2)

## ISICATSHULWA B (UMBUZO OMFUTSHANE)

**U-Elijah Mgijima**

**A-a! Zwelonke!**

Ingqik' eelinegusha,iNgqik' eelinenkomo,
Ezinamanqina zihlal' ebuhlantini,
Ezingamaphepha zihlal' ebhankini;
Kuphela koMxhos' oqesh' abeLungu,
Ubaqeshel' ukubal' iinkomo zakhe,
Ubaqash' ukugcin' inzala yazo,
Bona bantu bangamagcis' emali.

**Ngu**gqum' eNgqekayi ingweny' enenkqayi' esichengechenge.
**Ngu**Bhulu lasebholani ligusha zimdaka,
Ngulunda liqosha ngamaqhosh' ebhaty' akhe.
Ngumasok' inkwenkwana kaMolwana kakuhle
Ngokuyisoka ngerhwanqazana,
Ukuz' iqhub' elo thol' ibhek' eNyandeni;
Kub' uBhekizul' indod' uyayimfimfitha.
Likhulu leenkomo intombi yakhe,
Wasenjenjalo nathi kuloMbombo nakuloMbede,
Mhla saqhin' uNtombomhlaba noBazindlovu,
Inkulu yoMhlekazi uVelile Sandile.

9.9 Yinkosi yasiphi isizwe samaXhosa uZwelonke? (1)

9.10 Ngqina ngokwesitanza soku-1 ukuba uNkosi uZwelonke wayesisityebi. (2)

9.11 Chaza umsebenzi wophindaphindo olubhalwe ngqindilili kumqolo wesi-8 nowe-9. (2)

9.12 Tyhila intsingiselo yokusoka ngokomqolo 11–12. (1)

9.13 Uyangqina ukuba intombi kaBhek'izulu ayizekwa lihlwempu ngokwesitanza sesi-2? Xhasa uluvo lwakho. (2)

9.14 Nika umxholo walo mhobe. (2)

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwidrama, ukususela kumbuzo 10 ukuya kumbuzo 11.
- KwiDrama kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama). Xa umviwa ekhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwinoveli/Ncwadi lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).

**UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

**NATHI SINGABANTU – CS HOBONGWANA**

‘Eyi! Ibuhlungu ngoku into eqhubekayo kwisizwe esintsundu sibulawa kwangaba bantu bebemele ukusakha.” Ngqina olu luvo lukaNohenjisi ngokuqhubeka kule drama.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-290–340. **[25]**

## UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zedrama uze uphendule imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA A

| | |
|---|---|
| **USikhulu:** | (*Wothukile akakwazi nokuzibamba*) Nyhani? (*utsho ethe gqa amehlo ethe ng'a nomlomo. USonke ubetha iliso ahambe ngokukhawuleza. Ushiya kuqhuma uthuli*.) |
| **USonke:** | (*Eqhuba imoto ethetha yedwa)* Hee, kutheni le nto ndisuke ndacinga ngezi zinto bezithethwa nguMhlobo? Unyanisile kodwa kwezinye. Ukuba kukho into le nkululeko eyivezileyo kubantu abantsundu ebesikade singayiboni ukuba sinayo, 'zizideng' ezifundileyo'. Jonga ngoku uSikhulu, uxakwe nemakayenze. Mandiyeke okwanamhlanje usothukile. Ngomso, ekuseni ndivukela kulaa ndawo alele kuyo uNkosunaye. Ndifuna ipolisa emasangweni, hayi oonogada, abangenayo imipu. |
| **USikhulu:** | (*Ufowunela uMzingisi*) ndifuna ukukubona ngoku, kulaa ndawo sidla ngokutyela kuyo. |
| **UMzingisi:** | Kulungile ndiyeza. |
| **USikhulu:** | *(Uyibeka phantsi afowunele uNtsokolo)* Ndifuna ukubona ngoku, kulaa ndawo sidla ngokutyela kuyo. |
| **UNtsokolo:** | Kulungile. Ndisendleleni. |
| **USikhulu:** | (*Bayafika bobabini, bayambona kwasebusweni ukuba akakho mhle. Boyika nokumbulisa*) Madoda, andizukunibuza nempilo. Ngoku kufuneka siye kugqibezela umsebenzi ebesimele ukuba siwenze kudala. Laa mlwelwe usesibhedlele kuthiwa uyakwazi ukunxibelelana nabantu ngeselfowuni nangekhompyutha. Niyayazi ukuba ithetha ukuthini loo nto?<br><br>(*Bobabini bamjonge ngokoyika, boyika nokuphendula*) Ithetha ukuba sizokuphelela esiseleni ukuba asimkhuphi umphefumlo namhlanje. |
| **UNtsokolo:** | Namhlanje, Mhlekazi? |
| **USikhulu:** | (Emjamela) Liliphi elinye ixesha? Umcuphi uSonke ubelapha kum. Uthi uzoba thina ngoku sithetha apha. Ufuna agqibe sizokuya esiseleni? |
| **UNtsokolo:** | (*Unikina intloko*) Hayi ke, ndiyakuva ke ngoku. |

11.1 Xela zibeNTATHU iindaba ezothusayo azive ngale mini yale ncoko uSikhulu. (3)

11.2 Chaza into emenza amasikizi umntu ova icebiso lokubulawa 'komlwelwe' lisiza noSikhulu. (2)

11.3 Kunika ngcinga ni ngamagunya anawo uSikhulu ukusoloko yedwa enento yokuthetha ngelixa abanye abalinganiswa bengathethi kakhulu? (2)

11.4 Chaza ibemiBINI imingeni uNkosunaye ahlangene nayo kule drama. (2)

11.5 Ngeengongoma eziNTATHU bhalela uSonke umncome ngezenzo zakhe kule drama. (3)

11.6 Chaza zibeMBINI iindlela awazisindisa ngazo uNkosunaye kwisithathu esikwisicatshulwa. (2)

11.7 Khankanya izenzo zikaNohenjisi zokulwa ukuxhaphazeka kwabantu abahlelelekileyo kule drama. (2)

**ISICATSHULWA B**

**USonke:** Kulungile wosicacisela phambili. Mvaleleni mapolisa. (*Esebezela uMhlobo*) Mamela esi sidenge, mna ndithetha ngokubulala unogada nokuzama ukubulala umntwana.(*Umngcelele ngoku uya kuSikhulu. Bathi beseza bayive ingoma ukuba kukho abantu abaninzi. Iimoto zininzi endleleni kwaye abanye bame ngaphandle. Bayamisa bahlise umntwana bamkhwelise esitulweni sakhe bamzise bemqhuba. Abantu abaninzi bothukile, abanye babambe ongezantsi. Akukho*

*mntu ubaxelelayo kodwa bonke bavula indlela ngokungathi kungelaa xesha amaSirayeli ayewela ulwandle olubomvu. Kwenzeka olu hlobo bada baya kufika phambi koSikhulu,* ***owayewakhuphe aphela loo mehlo ngokungathi yindubule.*** *Ingoma iya iziphelela. Ngelikade unyuse isandla uSonke, kwema wonke umntu ukucula*.) Manene nani manenekazi, andizi kuba mde. Bekungekho mpazamo ngoku besisithi umntwana ubhubhile, besinyanzelekile, ukwenzela ukuba simsindise kwesi sihange singutata wakhe. Umdlwenguli nombulali. (*Emkhonkxa, uSikhulu ujonge phantsi ziintloni)* Sikhulu Mpinda, ubanjelwa ukudlwengula nokubulala. Unelungelo lokuthula kuba yonke into oyithethayo ingasetyenziswa kuwe kwinkundla yamatyala. (*USikhulu uyahamba exhagiwe ngamapolisa. Uthi akubona uNtsokolo noNokuthula kwezinye iiveni, aqonde ukuba ufikile apho ebebhalela khona. Abantu bamangalisiwe, bambi bangqonge umntwana, bambi bakhwela kwiimoto zabo, bayahamba.)*

**UNohenjisi:** (*Esanga uNkosunaye, elila*) Mna mntu umzise kulo mhlaba, andikhange ndiyive isika inimba, bendisoloko ndisazi ukuba uyaphila umntwana wam.

11.8 Nika zibeMBINI iimpawu zedrama ezifumaneka kwesi sicatshulwa. (2)

11.9 Ngubani isidenge athetha ngaso nguSonke kwisicatshulwa? (1)

11.10 Chaza uvakalelo lukaSikhulu ngokwesigama esiphawulwe ngqindilili. (2)

11.11 Chaza zibeziBINI izenzo zikaNokuthula noNtsokolo ezibangela ukuba babanjwe nabo ngolu suku lukwisicatshulwa. (2)

11.12 Ucinga ukuba le drama ingawudala umoya wokubathemba abameli boluntu abangoSopolitiki kumsebenzi wabo? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**